



UYILO LWESIFUNDO 1

IGREYIDI:3

IYURE NGEMINI : 1

IXESHA LILONKE :

UMHLA EKUQALWA NGAWO :

UMHLA EKUGQITYWA NGAWO :

INANI LEENTSUKU : 10

UMXHOLO WESIFUNDO : UKHUSELEKO

ISIHLOKO SESIFUNDO : INGOZI YOMLILO

IKOTA : 3

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 1 :UKUMAMELA</p> <p>GH 1: Mamela ngenyameko ixesha elide (ukuphulaphula ixesha elide)ukuphendula kulandelelwano oluntsonkothileyo lwemiyalelo efanele umgangatho wakhe.</p> <p>GH :6 Mamela kwisithethi abangasiboniyo (umz..unomathotholo,isithungelwano sokuthetha)nokuphendula imibuzo nemiyalelo.</p> <p>UNXULUMANISO KWESI SIFUNDO</p> <p>PF 2 : UKUTHETHA</p> <p>GH 5 : Thatha inxaxheba kwingxoxo yeklasu neyeqela ngo :</p> <ul style="list-style-type: none">▪ Kuqalisa isihloko kwingxoxo yeqela;▪ Kunikana amathuba nokubuza imibuzo esemxholweni;▪ Kucebisa okanye andisa iingcinga ;▪ Kubonisa uvakalelo kumalungelo neemvakalelo zabanye;	<p>1. Abafundi bamamela iindaba kunomathotholo,ngesiganeko sokutsha komzi wakwa Radebe ubeluthuthu.</p> <p>2. Abafundi baphendula imibuzo esekelwe kwiindaba abebezimamele umz.</p> <ul style="list-style-type: none">a) Balisa ngokufutshane oko ukuvileyo.b) Ubungathini xa ibinokuba nguwe ?c) Kufuneka siziphathe njani xa kubaneka ?d) Ucinga ukuba yintoniunobangela waloo mliilo? <p>3.Abafundi babhala amagama amatsha abawavileyo ebhodini.</p> <p>Bayaxoxa,belungisana (umz.:</p> <ul style="list-style-type: none">▪ Lagqekreza▪ Kwatshawuza imibane▪ Umkhulungwane▪ Zatsha

<ul style="list-style-type: none"> ▪ Kushwankathela umsebenzi weqela. <p>PF 4 :UKUBHALA</p> <p>GH 2 : Sebenzisa ubuchule phambi kokuqalisa ukubhala ngo :</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Kusebenzisa ubuchule bokwandulela ukubhala obahlukeneyo ekufuneni ulwazi aze akhethe isihloko ; ▪ Kuqalisa ukuqulunqa ukubhala ; <p>KWEZINYE IZIFUNDO :</p> <p>UBUGCISA NENKCUBEKO</p> <p>PF 3 : Ukuthabatha inxaxheba nentsebenziswano</p> <p>GH 7 : Ukusebenza wedwa okanye nomlinganeuhlomphe iimvakalelo zabanye.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ▪ Kwangxwelerheka) <p>4. Abafundi bafunda baze bakhuphe izandi kula magama bawabhalileyo(umz.gq ; kr ;khw;tsh ; ngw ; ngxw)</p> <p>Abafundi bakha amanye amagama asekelwe kwezi zandi zingentla.</p> <p>5. Abafundi babhala amagama amatsha kwizichazi- magama zabo.</p> <p>6. Abafundi baxoxa ngezi zaci zilandelayo bencediswa ngutitshala :</p> <ul style="list-style-type: none"> - yatshawuza imibane - laba mathumb’antaka - adloba amathole - lagqekreza izulu - kwangxwelerheka abantu <p>7. Bhala umhlathi ukuya kwemibini ngamava akho ngesiganeko sokutsha owakha wasiva okanye wasibona.</p> <p>Umhlathi wunike isihloko</p> <p>Bafunda abakubhalileyo befundela iklasi.</p> <p>Bazoba umfanekiso ngalo mhlathi .</p>
<p>IINTLOBO ZOHLOLO :</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Umlingane ▪ Utitshala 	

IZIXHOBO

Itshekilisti

INDLELA YOKUHLOLA

- Incoko yomlomo
- Ubhalo

IZIXHOBO ZOKUFUNDISA

Unomathotholo , oonotsheluzo , iipensile , iikhrayoni , isichazi – magama njl.njl.

IZITHINTELO ZOKUFUNDA**OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA**

UYILO LWESIFUNDO 2

IGREYIDI:3

IYURE NGEMINI : 1

IXESHA LILONKE :

UMHLA EKUQALWA NGAWO :

UMHLA EKUGQITYWA NGAWO :



INANI LEENTSUKU : 10

UMXHOLO WESIFUNDO : UKHUSELEKO

ISIHLOKO SESIFUNDO : UKULUNGA NOKUNGALUNGI KOMLI

IKOTA : 3



ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 1 :UKUMAMELA</p> <p>GH 4: Mamela ngolonwabo amabali amafutshane , imibongo , iingoma nezinye izicatshulwa zomlomo babonise ingqiqo ngo :</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Kumamela isihloko okanye ingcinga engundoqo , ▪ Kumamela iinkcukacha , ▪ Kuqikelela okunokwenzeka, ▪ Kwazisa ukulandelelana kweziganeko , iingcinga kwisicatshulwa , ▪ Kuphendula imibuzo malunga nesicatshulwa somlomo, ▪ Kuvakalisa uvakalelo malunga nesicatshulwa somlomo ngokunika izizathu , ▪ Kusebenzisa intsusa neziphumo kwisicatshulwa somlomo / imiyalezo, ▪ Kuzoba imifanekiso ukucacisa ingqiqo yebali / isicatshulwa somlomo,abhale amabali / izicatshulwa ngamazwi akhe. 	<p>1.Abafundi banikwa umhobe baze baxoxe ngawo ngamaqela , benika iinkcukacha ngawo.</p> <p style="text-align: center;">UMLILO</p> <p><i>Umlilo ! Umlilo ! Kuyatsha !</i></p> <p><i>Uvutha ngokudangazela</i></p> <p><i>Usinika ubushushu</i></p> <p><i>Usinika ukukhanya</i></p> <div style="text-align: center;">  </div> <p><i>Umlilo ! Umlilo ! Kuyatsha !</i></p> <p><i>Unwenwa ngokukhawuleza</i></p> <p><i>Utshabalalisa amakhaya</i></p> <p><i>Utshabalalisa nabantu</i></p> <p><i>Abadala nabancinci.</i></p> <div style="text-align: center;">  </div> <p>2.Ngamaqela abafundi bakha eyabo imibongo baze bayibhale</p>

UNXULUMANISO KWESI SIFUNDO

PF 2 : UKUTHETHA

GH 2 : Sebenzisa ulwazi lwentelekelelo ukuzonwabisa neengcinga ezimnandi (ukubalisa iziqhulo, ukudlala imidlalo yamagama , amaqhina ukuyila imihobe nokuthetha ngeelwimi ezininzi ngaxesha – nye).

KWEZINYE IZIFUNDO :

INZULULWAZI NGEZENTLALO

PF 2 : INGQIQO NOLWAZI LWEMBALI

GH 2 : Nika izizathu ezilula zezinye iziganeko kwixesha eladlulayo (unobangela nesiphumo).

GH 3 :Chaza nokwenza uthelekiso esebenzisa imifanekiso nezinto (imfano neyantlukwano).

phantsi, baze bazise ngomlomo abanye abafundi.

Utitshala uqokelela yonke imibongo enze incwadi yemibongo yeklasi.

FAT 1

3.Umfundi ngamnye eklasini makenze uludwe lweengozi ezakhe zenzeka kowabo. Makufundwe kuludwe lonke lwabafundi ezo ndidi zeengozi. Utitshala makazibhale ebhodini. Mababhale phantsi ukuba bangaphi abafundi eklasini abakha behlelwa zezo ngozi.

Yenzani igrafu eza kubonakalisa oku.

Yenzani ingxelo ze nichaze ukuba iingozi ezininzi emakhaya zibangwa yintoni ?



4. Abafundi baxoxa ngokubaluleka nangobungozi bomlilo, baze bagqibezele le theyibhile ingezantsi .umz.:



Ukubaluleka	Ubungozi
Unika ubushushu	Utshisa idobo

5. Abafundi bakha izivakalisi besebenzisa la magama alandelayo :
uyagqengezela , iintlantsi , nwenwa , tshabalalisa , isicima – mlilo , ipolisa , ugqira , inqwelo yezigulana , iyunifomu (isinxibo).



6. Abafundi mabenze uphando ngeedilesi neenombolo zemfononmfono zaba bantu balandelayo, baze bazigcine emakhaya :
ipolisa , isicima – mlilo , ugqirha , inqwelo yezigulana , umnxeba woncedo lwabantwana.



IINTLOBO ZOHLOLO :

- Umlingane
- Utitshala
- Umfundi
- Iqela

IZIXHOBO: Itshekilisti, Irubrikhi

INDLELA YOKUHLOLA

- Incoko yomlomo
- Ubhalo (written response)

IZIXHOBO ZOKUFUNDISA

Umhobe , izandi , oonotsheluzi , imifanekiso , iipensile , nerabha .

IZITHINTELO ZOKUFUNDA**OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA**

UYILO LWESIFUNDO 3

IGREYIDI:3

IYURE NGEMINI : 1

IXESHA LILONKE :

UMHLA EKUQALWA NGAWO :

UMHLA EKUGQITYWA NGAWO :

INANI LEENTSUKU : 10

UMXHOLO WESIFUNDO : AMANZI

ISIHLOKO SESIFUNDO : UKUBALULEKA NOKULONDOLOZWA KWAMANZI

IKOTA : 3

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 5 :UKUCINGA NOKUQIQA</p> <p>GH 4: Sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphononogeni ngo :</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Kubuza imibuzo nokufuna ingcaciso , unika izisombululo nokucebisa ezinye iindlela zokusombulula(ukuba ndenza le nto ngoku singazama) <p>GH 5 : Enza uphando olulula ngo :</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Kubuza imibuzo enokubanceda ukuxela umsebenzi nokufuna ulwazi abalufunayo, ▪ Kuqulunqa amanqanaba omsebenzi ukuze kwabelane ngomsebenzi (umz. kuza kwenziwa ntoni?, ngubani ?). ▪ Kusebenzisa ubuchule ukufumana ulwazi ngokubuza imibuzo esemxholweni <ul style="list-style-type: none"> - kwenza udliwano – ndlebe nephepha lemibuzo - kufuna ulwazi kwithala leencwadi(uncedwa ngumntu omdala okanye umfundi omdala). 	<p>1.Utitshala uxhoma umfanekiso oneendlela zokusetyenziswa kwamanzi , baze abafundi bancokole / baxoxe ngoko bakubona emfanekisweni.</p> <p>2.Ngababini abafundi bachaza eminye imisebenzi yamanzi, baze banike ingxelo.</p> <p>3.Abafundi bafunda lo mhlathi ulandelayo :</p> <p>UMzantsi Afrika lilizwe elomileyo.Ngamaxesha athile kubakho imbalela enkulu ukuze ngamanye amaxesha kubekho izandyondyo zeemvula. Amanzi yeyona nto ibalulekileyo kuthi, ngoko ke kufuneka siwagcine kakuhle ukuze anganqongophali kwilixa elizayo.</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Kufuneka siwahloniphe amanzi lonke ixesha. ▪ Masisebenzise amanzi ngendlela efanelekileyo singawamoshi. ▪ Masinga ngcolisi imilambo ngenkunkuma namanzi amdaka. ▪ Masibhatale iinkonzo zamanzi. ▪ Masithabathe unyawo ukuze sisombulule iingxaki zamanzi. ▪ Masikhusele amanzi ukuze sikhusele indalo.

UNXULUMANISO KWESI SIFUNDO

PF 6 : UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

GH 2 : Sebenza ngamagama ngo :

- kusebenzisa eminye imithetho yopelo ukupela amagama;
- kusebenzisa izimaphambili nezimamva ukwakha amagama ;
- kuchonga izichasi nezifanokuthi.

KWEZINYE IZIFUNDO :

ITEKNOLOJI

PF 1 : IZAKHONO NEENKQUBO ZETEKNOLOJI

GH 3 : Yila ngokucebisa izisombululo ezahlukeneyo ekhetha esinye kwaye asebenzise nemizobo eyenziwe ngesandla ukuzimela.

- Phinda uwasebenzise amanzi kwakhona.
- Lungisa iimpompo ezivuzayo nezinye izinto ezivuzayo.
- Thoba isantya kwindlela owasebenzisa ngayo amanzi. Emva kokufunda esi sicutshulwa abafundi babhala **izichasi nezifanokuthi** zala magama alandelayo :

A

Igama	Isichasi
Elomileyo	
Imbalela	
Ebalulekileyo	
elizayo	

B

Igama	Isifanokuthi
Nezandyondyo	
Siwagcine	
Anganqongophali	
kwilixa	

Abafundi mabasebenze ngabanye. Utitshala makenze umzekelo ukunceda abo banengxaki. Yenza izilungiso nabo bonke ubaphonononga. Abafundi

mababhale ezo zabo izilungiso.

4. Abafundi bencediswa ngutitshala bavala izikhewu bezibophelela kwesi sibhambathiso sokulondoloza amanzi :


Mna ndithembisa ukuba ndiyakuwahlonipha amanzi nezinye izinto zendalo. Ndakuwasebenzisa ndiwagcine kakuhle amanzi. Andiyi kuyingcolisa imilambo ngesepha nangezinye izinto ezimdaka. Ndiya kuncedisa ekusombululeni iingxaki zamanzi.

Igama :

Sayina mfundi :

5. Ngabanye , abafundi babhala iindlela zibe ntlanu (5) abanokuthi bagcine ngazo amanzi.

6. Abafundi bazoba imephu yengqondo ezincwadini zabo baze babhale iindawo esifumana kuzo amanzi. **umz.**



7. Umfundi ngamnye uphanda ukuba asetyenziswa kangkanani na amanzi esikolwenisakhe. Yonke imihla ngentsimbi yesibini ujonge imitha yamanzi esikolo sakhe, aze abhale phantsi oko akufumeneyo, kangngeveki enye. Abafundi benza ingxelo ngabakufumeneyo, baze baphendule le mibuzo ilandelayo :

- Zingaphi iilitha zamanzi ezisetyenzisiweyo ngosuku ngalunye ?
- Zingaphi iilitha ezisetyenzisiweyo ngeveki ?
- Zingaphi iilitha zamanzi ezinokuseyenziswa ngenyanga ?

8. Kule phazili ilandelayo, kukho amagama afihliweyo anxulumene namanzi. Wafune uwabiyele wandule ke ukuwabhala phantsi.

s	a	g	n	u	h	p	a	s	c	d	f	t	q	u	b	h	a
e	l	o	a	m	a	t	h	o	n	t	s	i	d	g	m	b	k
l	i	n	e	j	n	a	l	m	e	g	r	i	t	e	p	h	u
a	k	z	d	u	m	t	h	o	m	b	o	p	w	t	o	m	o
c	n	a	y	a	v	u	z	a	a	p	h	o	l	i	l	e	f
k	v	o	z	x	n	k	c	e	n	k	c	e	s	h	e	l	a

9. Upelo

Abafundi bakha amagama ngezi zandi baze babhale isivakalisi ngesandi ngasinye (umz. ngx- ingxangxasi – Ingxangxasi zika Vitoliya).

IINTLOBO ZOHLOLO :

- Umlingane
- Utitshala
- Umfundi
- Iqela

IZIXHOBO

Itshekilisti

Irubrikhi

Incwadi yokubukela

INDLELA YOKUHLOLA

- Incoko yomlomo
- Ubhalo (written response)
- Iphazile
- Uphando
- Ukwabelana (assignment)

IZIXHOBO ZOKUFUNDISA

Imifanekiso , isicatshulwa , oonotsheluzi , iincwadi zokubhala , izandi , isichazi – magama iphazili .

IZITHINTELO ZOKUFUNDA**OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA**

UYILO LWESIFUNDO 4

IGREYIDI :3

IYURE NGEMINI : 1

IXESHA LILONKE :

UMHLA EKUQALWA NGAWO :

UMHLA EKUGQITYWA NGAWO :

INANI LEENTSUKU : 15

UMXHOLO WESIFUNDO : IZIFO EZOSULELAYO

ISIHLOKO SESIFUNDO :UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA

KOLWIMI

IKOTA : 3

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 6 :UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI</p> <p>GH 3: Sebenza ngezivakalisi ngo :</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Kuchonga intloko ,isenzi nenjongosenzi kwisivakalisi ; ▪ Kusebenzisa uvumelwano olufanelekilyo lwentloko nenjongosenzi ; ▪ Kusebenzisa izihlanganisi ezivakalisa intsusa nesiphumo , umz. Andimthandi kuba uyonqena.. ▪ Kusebenzisa iintlobo zezicatshulwa ezahlukeneyo ; ▪ Kuchonga nokusebenzisa izibizo,izichazi , izenzi , izimelabizo (mna , yena nezihlomelo ezichanekileyo ; ▪ Kusebenzisa ixesha eladlulayo nelizayo ngokuchanekileyo; 	<p>1.Utitshala unika abafundi amaphepha – ndaba , iimagazini , izikere nesincamathelisi. Ngamaqela , abafundi basika imifanekiso enge HIV / AIDS bayincamathelise ephepheni , benze ipowusta baze baxoxe ngayo.</p> <p>Iqela ngalinye linika ingxelo kwamanye amaqela ngepowusta yalo. Utitshala kunye nabafundi bahlola iipowusta besebenzisa irubriki.</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ 2. Abafundi babhala imihlathi emibini nge HIV / AIDS besebenzisa ulwazi abalufumana kwiipowusta. Bafundela iklasi amabali abo. Abafundi baxoxa ngokubhaliweyo baze benze izilungiso. <p>FAT 3 3.Utitshala wenza amalungiselelo okutyelela kwi Kliniki ekufuphi. Abafundi balungisa imibuzo abaza kuyibuza kunesi malunga nezifo</p>

- Kusebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo (isimeli – nobumba – umntwan'am).

GH 4 : Sebenza ngezicatshulwa ngo :

- Kudibanisa izivakalisi ukwenza imihlathi aze agcine ukungaguquguquki ;
- Ekusetyenzisweni kwexesha..

UNXULUMANISO KWESI SIFUNDO

PF 4 : UKUBHALA

GH 7 : Sebenzisa izakhi zegrama nothungelwano lokubhala ngo :

- Kuqala ukwahlula izivakalisi ngokwemihlathi ;
- Kusebenzisa iziphumlisi ezifanelekileyo (umz. oonobumba abakhulu , izingxi , uphawu lombuzo , ikoma , isimeli – nobumba).
- Kusebenzisa izimbo zokubulisa ;
- Kusebenzisa ezinye izakhiwo zezicatshulwa zolwazi ezifana nemifanekiso ;
- Kusebenzisa ulwazi lwegrama .

PF 5 : UKUCINGA NOKUQIQA

GH 1 : Kusebenzisa ulwimi ukwandisa isigama ngo :

- Kuqonda nokusebenzisa ulwimi lwengqiqo lweenkalo lwezifundo ezahlukeneyo ezifuneka kulo mgangatho.

ezisulelayo ngokubanzi bencediswa ngutitshala. Abafundi batyelela kwi Kliniki ekufuphi behamba notitshala wabo. Baxelelwa ngezifo ezisulelayo ngeempawu nangeendlela zokuzikhusela , umz.

- Isifo sephepha (TB).
- Isifo sityatyazo (Cholera).
- UGawulayo (HIV / AIDS).
- Cesina
- Unkonkonko (Bronchitis).
- Umehl'abomvu (Pink eye).

Benza isishwankathelo imihlathi emibini ukuya kwemithathu ngabakubonileyo nabakuvileyo ngexesha lotyelelo e Kliniki.

Abafundi bafundela iklasi oko bakubhalileyo baze benze izilungiso bencediswa ngutitshala. Banika isihloko soko bakubhalileyo. Abafundi babhala amagama amatsha kwizichazi – magama zabo.

FAT 1 , 2 , 3 , 4

4. Utitshala unika abafundi izivakalisi baze bazidibanise besebenzisa izihlanganisi. Umz.

Ndiya eKliniki kuba ndiyagula.

San'ukutyhalana xa niphuma.

FAT 1

Utitshala unika abafundi izicatshulwa baze bakhethe izihlanganisi,

KWEZINYE IZIFUNDO :

ISIFUNDO NGEZOBOMI

PF 1 : UKUPHUCULA EZEMPILO

GH 3 :Xoxa ngeentsomi ezijikeleze izifo ezosulelayo,oonobangela nokukhuselwa kwazo.

baxoxe ngazo baze bazikrwelele umgca ngaphantsi.

5.Utitshala usebenzisa izivakalisi aze achaze intloko , isenzi , injongosenzi.

Umz. Isigulana sisela iyeza.

Isigulana - intloko

Sisela - isenzi

Iyeza - injongosenzi

Utitshala unika abafundi eminye imizekelo bade baqonde. Emva koko ubanika umsebenzi baze bakhethe intloko , isenzi nenjongosenzi.

6.Izibizo nezimelabizo

Utitshala uchaza isibizo njengegama lomntu , lento nelendawo.

Umz. Nomsa , inaliti , isibhedlele

- Abafundi banikwa izivakalisi baze bakhethe izibizo.

- Abafundi banikwa isibizo baze babhale isivakalisi ngaso umz. ugqirha.

Izimelabizo

Utitshala uchaza isimelabizo aze anike nemizekelo.

Mna , yena , lona , sona njl.njl.

Abafundi banikwa izicatshulwa baze baxoxe bekhetha izimelabizo.

	<p>Abafundi banikwa izimelabizo baze babhale izivakalisi ngazo. Bangasebenza ngababini.</p> <p>7. Sibhala intetho (Dialogue)</p> <p>Utitshala uza nomfanekiso obonisa ingxoxo phakathi kogqirha nomguli. Abafundi babhala bethelekelela intetho kagqirha nomguli. Umz. Inokuba uthini bethu lo gqirha kulo mama / mntwana ?</p> <p>Abafundi mabafundelane abakubhalileyo , belungisana bencediswa ngutitshala.</p>
<p>IZIXHOBO ZOKUFUNDISA</p> <p>Iimagazini , amaphepha – ndaba , imiifanekiso , ipowusta , iphepha likagqirha , iincwadi zokufunda , iincwadi zokubhala , isichazi – magama .</p>	
<p>IZITHINTELO ZOKUFUNDA</p>	
<p>OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA</p>	

UYILO LWESIFUNDO 5

IGREYIDI :3

IYURE NGEMINI : 1

IXESHA LILONKE :

UMHLA EKUQALWA NGAWO :

UMHLA EKUGQITYWA NGAWO :

INANI LEENTSUKU : 15

**UMXHOLO WESIFUNDO : IZIFO EZOSULELAYO
KOLWIMI**

ISIHLOKO SESIFUNDO :UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA

IKOTA : 3

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA
<p>PF 6 : UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI</p> <p>GH 5: Sebenzisa ulwimi kwintsebenziswano ngo :</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Kusebenzisa ulwimi lwentlalo oluvakalisa imbeko (umz.ukuxolisa). <p>GH 6 : Phuhlisa ingqiqo yolwimi enzulu ngo :</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Kuphonononga indlela ikhosi esebenzisa ngayo intetho engaphucukanga kwaye ithethwa nabani , ngaziphi iinjongo. <p>UNXULUMANISO KWESI SIFUNDO</p> <p>PF 2 : UKUTHETHA</p> <p>GH 1 : Balisa ngamava akhe neziganeko ezitsha jikelele nokuvakalisa</p>	<p>1. Masifunde esi sicutshulwa .</p> <p>Kwidolophu yase Monti , kude kufuphi nemizi mveliso, kukho umzi wezilwanyana. Lo mzi ubiyelwe ngocingo olude olunombane. Kulapho kugcinwe khona izilwanyana zasendle</p> <p>ezinjengoozingonyama ,iindlovu , iindlulamthi , amaqwarhashe , iinkawu , iimfene njl.njl. Ezinye izilwanyana zinobungozi kanti ezinye zilulamile. Yiyo lo nto udonga lwenziwe lwaluqilima nje.</p> <p>Abantu abavumelekanga ukuba baziphe ukutya , bazonzakalise okanye bachithe izindlu zazo. Lo nto izenza zibe noburhalarhume..Abanye abantu bayathanda ukuwutyelela lo mzi</p>

izimvo neengcamango malunga nazo.

PF 5 : UKUCINGA NOKUQIQA

GH 3 : Kusebenzisa ukucinga okukwinqanaba eliphezulu nolwimi olubandanyeka kuzo umz.:

- Inginga ethatyathwe njengenyano(ndicinga ukuba ;inga
- Kusebenzisa ulwimi ukuchaza iifano neyantlukwano ,
ukuhlalutya , ukuthelekisa nokuchasanisa ulwazi.

KWEZINYE IZIFUNDO :

ISIFUNDO NGEZOBOMI

PF 2 : UKUPHUHLISA EZENTLALO

GH 3 :Xoxa indima yolwamkelo , yokunika , yokuxolela nokwabelana kulwalamano lwentlalo ephilileyo.

UBUGCISA NENKCUBEKO

PF 3 : UKUTHABATHA INXAXHEBA NENTSEBENZISWANO

GH 6 : Ukuchonga nokuyila umsebenzi wobugcisa obonisa ukusombulula iingxaki , uthethathethwano lwengxabano nolonwabo.

ukuya kubukela izimbo ezenziwa zezi zilwanyana. Abanye abantu bade balale ngakumbi abo basuka kwiidolophu nakwiilali ezimigama njengoko zikhona nezindlu zokuphumla.

Abafundi mabaphendule le mibuzo ilandelayo ngomlomo:

- a) Nika izilwanyana ezikhankanyweyo kwesi sicutshulwa baze bongeze ezinye ezihlanu .
- b) Ucinga ukuba zigcinelwe ntoni ezi zilwanyana kweli ziko ?
- c) Ezi zilwanyana zikweli ziko ziphatheke kakuhle ?
Tyatyadula / cacisa / chaza
- d) Ngamava akho balisa ngesilwanyana sasekhaya esasiphatheke kakubi owakha wasibona okanye weva ngaso.
- e) Wenza ntoni ukusihlangula kuloo meko?
- f) Nika isihloko sesi sicutshulwa .

2. Abafundi balungisa ezi zivakalisi baze bazibhale ngendlela efanelekileyo :

- Zininji izilwanyana e Zoo .
- Hlamba ihlanza emva kokuphatha izilwanyana..

Utitshala makongeze ezinye iintetho ezinje.

- | | |
|--|--|
| | <p>3. Abantu abagcina izilwanyana banembeko nenkathalo. Umfundi makabhale umhlathi achaze ukuba kuthetha ukuthini oku. Imihlathi mayifundelwe ikhosi kuze kukhethwe owona mhlathi unenkcazelo elandelekayo.</p> <p>4. Abafundi bayila imiyalezo / izibhengezo ezibhalwe eqweqweni elikhulu bevakalisa ukunganeliseki yindlela eziphatheke ngayo izilwanyana. Mabajikeleze bebonisa abanye abafundi oko bakubhalileyo.</p> <p>5. Ingxoxo – mpikiswano (debate)
Utitshala uhlula ikhosi ibe ngamaqela amabini. Uvula ingxoxo – mpikiswano phakathi kwenja nekati ngokuthi enye ilihomba kunenye.. Ileo iqela lixoxa likhusela esalo isilwanyana. Abafundi banikana amathuba okuthetha behlonipha iibono zabanye. Utitshala makaqiniseke ukuba abafundi basebenzisa intetho epkhucukileyo neyamkelekileyo. Abafundi bashwankathela le ngxoxo ngokubhala imihlathi emibini ezincwadini zabo. Utitshala makaphonononge alungise lo msebenzi.</p> <p>6. Abafundi bafunda esi sicengcelezo baze baxoxe ngabakufundileyo kuso.</p> |
|--|--|

Cingela abanye

**Khawuphez'ukuthetha,
Nabanye bayafun'ukuthetha,
Umlomo awubekwa siziba,
Ulwimi lunqatsha kamnandi.**

**Khawuphez'ukuthetha,
Kaloku wena unesisu eside,
Khawuve iimbono zabanye ,
Nazo zibalulekile.**

**Thetha ucingele nabanye,
Nawe uyathanda ukuviwa,
Thetha,fundisa wonwabise ,
Ulumkele ingozi yokuthetha..**

Ngawaphi amagama alandulayo ? Wakhethe uwabhale encwadini yakho.

IINTLOBO ZOHLOLO :

- Umlingane

- Umfundi
- Iqela
- Utitshala

IZIXHOBO

Irubriki

Itshekilisti

INDLELA YOKUHLOLA

- Incoko yomlomo
- Ubhalo (written response)

IZIXHOBO ZOKUFUNDISA

limagazini,

amaphepha – ndaba

imifanekiso

ipowusta ,

iphepha likagqirha

iincwadi zokufunda

iincwadi zokubhala

isichazi – magama

IZITHINTELO ZOKUFUNDA

OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA

UYILO LWESIFUNDO 6

IGREYIDI : 3

IYURE NGEMINI :

IXESHA LILONKE :

UNHLA EKUQALWE NGAWO :

UMHLA EKUGQITYWE NGAWO :

INANI LEENTSUKU : 10

UMXHOLO WESIFUNDO : UKUTYA OKUNEMPILO

ISIHLOKO SESIFUNDO : UKUTYA

IKOTA : 3

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA							
<p>PF 4 : UKUBHALA</p> <p>GH 4 : Hlaziya umsebenzi ngo :</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Kuxoxa ngobhalo lwakhe nolwabanye ukufumana okanye ukunika ingxelo; ▪ Kuchokela imibhalo yakhe (ukushiya okanye ukongeza amagama ukucacisa intsingiselo, ukukhangela nokukorekisha upelo neziphumlisi) ; ▪ Kuhlaziya umsebenzi wakhe emva kokufumana ingxelo kwabanye. <p>GH 5 : Papasha imisebenzi ngo :</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Kwabelana ngomsebenzi nabanye ngokufundela ngokuvakalayo nokwenza umboniso wokubhaliweyo eklasini ; 	<p>1.Utitshala unika abafundi amaphepha – ndaba ; iimagazini ; izikere nesincamathelisi (glue). Umfundi ngamnye usika aze ancamathelise encwadini yakhe izidlo ezidla ngokuthengwa nguye okanye ngumama wakhe evenkileni okanye edolophini. Ezingekhoyo emaphepheni uzibhala encwadini yakhe . Ukutya makube nexabiso . Abafundi babala ukuba bathenga ngamalini ngenyanga . Bakuba bonke begqibile ukwenza lo msebenzi basebenza ngamaqela baze bakohlule oku kutya ngolu hlobo :</p> <table border="1" data-bbox="1060 1149 1915 1291"> <thead> <tr> <th data-bbox="1060 1149 1486 1195">Ukutya okunempilo</th> <th data-bbox="1486 1149 1915 1195">Ukutya okungenampilo</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td data-bbox="1060 1195 1486 1240"></td> <td data-bbox="1486 1195 1915 1240"></td> </tr> <tr> <td data-bbox="1060 1240 1486 1291"></td> <td data-bbox="1486 1240 1915 1291"></td> </tr> </tbody> </table>		Ukutya okunempilo	Ukutya okungenampilo				
Ukutya okunempilo	Ukutya okungenampilo							

▪ Kwabelana nabaphulaphuli ekujoliswe kubo ngokwenza iincwadi zakhe okanye ingqokelela yeklasi.

Babhala imisebenzi eqweqweni baze bayixhome eludongeni. Mabavumelane ngezigqibo abazenzileyo / abazithathileyo banike nezizathu.

2.Utitshala uchazela abafundi ngokubaluleka kokutya ukutya okunempilo nokuya egazini. Ubachazela ngeevitamini ezifumaneka kwiindidi zokutya umz. Vitamini A;B1; B2 ; B6; C; iAyoni ne Khalsiyamu. Ubachazela ukuba ukuze abafundi baphile emzimbeni nasengqondweni kufuneka batye ukutya okunempilo.

3.Utitshala unika abafundi ithuba lokuya kuphanda kwithala leencwadi okanye emakhaya ngokutya okunempilo baze bakohlule ngolu hlobo :

Ukutya okunika amandla	Ukutya okwakha imizimba yethu	Ukutya okukhusela imizimba yethu kwizifo

4.Funda isicatshulwa esilandelayo uze usahlule ngokwemihlathi.

Ukuphekela abantu abaninzi kulixanduva kakhulu . Kaloku ingulowo umntu unokutya akuthandayo. Lo nto ithetha ukuba xa unguno Hotele okanye unoVenkile wokutya kufuneka ukuba ube

uphekwe wavuthwa kweli candelo. Kwaye ube unolwazi oluphangaleleyo ngeendidi zabantu obaphekelayo. KwiHotele ezininzi ufika ukutya kuthe dliwi. Umntu ngamnye uyazikhethela into afuna ukuyitya. Xa unokundwendwela iHotele uyakubona iindidi ngeendidi zenyama ezidekiweyo. Kulapho ke umntu akhetha ayifunayo.

5. Kwesi sicutshulwa singentla , bhala encwadini yakho amagama akrwelelweyo uze unike intsingiselelo zawo.

6. Abafundi mabazobe ukutya abakwaziyo ukukupheka baze babhale ukuba kuphekwa njani na. Umfundi ngamnye ufundela iklasi oko akubhalileyo, aze enze izilungiso. Utitshala uqokelela lo msebenzi enze incwadi yeeresiphi yeklasi. Utitshala makaqaphele upelo lwamagama neziphumlisi.

7. Umfundi ngamnye ubhala icwecwe, emema umhlobo wakhe kwisidlo sasemini. Utitshala makabakhokhele abancedise abafundi ingakumbi abo banengxaki kulo msebenzi.

8. Upelo

Abafundi babizelwa la magama alandelayo :

Itswele ; ikrwada ; intyabontyi ; angcwengile ; ingqwalasela ; intyapha ; intshatsheli ; indlala ; iintlobo – ntlobo ; indyebo.

	<p>9. Abafundi bakha amagama besebenzisa ezi zandi : tsw ; nty ; krw ; ntsh ; ndl ; ngcw ; ngqw ; ndy</p>
<p>IINTLOBO ZOHLOLO :</p>	
<ul style="list-style-type: none"> ▪ Umlingane ▪ Utitshala ▪ Iqela ▪ Umfundi 	
<p>IZIXHOBO</p>	
<ul style="list-style-type: none"> ▪ Irubrikhi ▪ Itshekilisti ▪ Incwadi yokubonwayo ▪ Isikali solinganiso 	
<p>INDLELA YOKUHLOLA</p>	
<ul style="list-style-type: none"> ▪ Incoko yomlomo ▪ Imibuzo ▪ Uphando ▪ Ingxoxo 	
<p>IZIXHOBO ZOKUFUNDISA</p>	
<p>Amaphepha – ndaba ; iimagazini ; izikere ; isincamathelisi ; incwadi yokubhala ; ifliptshati ; iresiphi ; icwecwe</p>	
<p>IZITHINTELO ZOKUFUNDA</p>	
<p>OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA</p>	